ISIFUNDO SESIKOLO SESABATHA SABANTU ABADALA

1 INCWADI YESITYHILELO



Okuqulathiweyo

1	Igospile Evela EPatimo: Disemba 29–Januwari 4	4
2	Phakathi Kweziphatho Zezibane: Januwari 5–11	12
3	Abantu BakaThixo Ezixekweni: Januwari 12–18	20
4	Ukubekwa KweMvana Etroneni: Januwari 19–25	28
5	Amatywina Asixhenxe: Januwari 26–Februwari 1	36
6	Abantu BakaThixo Abatywiniweyo: Februwari 2–8	44
7	Amaxilongo Asixhenxe: Februwari 9–15	52
8	USathana, Utshaba Oloyisiweyo: Februwari 16–22	60
9	USathana Namaqabane Akhe Amabini: Februwari 23–Matshi 1	68
10	Igospile KaThixo Engunaphakade: Matshi 2–8	76
11	Izibetho Zokugqibela Ezisixhenxe: Matshi 9–15	84
12	Ukugwetywa KweBhabheli: Matshi 16–22	92
13	"Zonke Izinto Ndizenza Ntsha": Matshi 23–29	100

Iofisi Yabahleli
12501 Old Columbia Pike
Silver Spring, MD 20904

Sityelele Kwi-Web site:
http://www.absg.adventist.org

Onegalelo Elikhulu Esifundweni:
Denis Fortin

Umhleli:
Clifford R. Goldstein

Isekela-mhleli:
Soraya Homayouni

Umanejala Wopapasho:
Lea Alexander Greve

Oncedisayo Ekuhleleni:
Sharon Thomas-crews

Ohlanganisa Konke EPacific Press:
Wendy Marcum

Umzobi Nocwangciso:
Lars Justinen
Oguqulele EsiXhoseni
Mpumelelo I. Buwa

© 2019 General Conference of Seventh-day Adventists®. Onke amalungelo agodliwe. Akukho ndawo kwiSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala, (uMgangatho oHleliweyo) inokuhlelwa, itshintshwe, ilungiswe, iqhelaniswe, iguqulwe, yandiswe, okanye ipapashwe ngumntu okanye umbutho ngaphandle kokuba kufunyanwe isigunyaziso esibhaliweyo esiphuma kwiGeneral Conference of Seventh-day Adventists®. Iofisi zezahlulo zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® zinegunya lokulungiselela ukuguqulwa kweSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala phantsi kwemiqathango ekhokelayo emiselweyo. Ilungelo lobunini benguqulelo ezinjalo kunye nokusasaza kwazo kuya kuhlala kulilungelo leGeneral Conference. U"Seventh-day Adventist," "Adventist" kunye ne`logo' yelangatye ziimpawu zorhwebo ezisemthethweni zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® kwaye azinako ukusetyenziswa ngaphandle kokuba, ngaphambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esiphuma kwiGeneral Conference.

Isikhokelo Sesifundo Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala silungiswa yiofisi ejongene neZikhokelo Zokufundwa KweBhayibhile Ngabantu Abadala kwiNkomfa Eyongameleyo (General Conference) yaBalindi (Seventh-day Adventists®). Isikhokhelo esi siphantsi kwenkokhelo yeQumrhu elipapasha izikhokelo zokufunda iBhayibhile. Isikhokelo esipapashiweyo sibonisa igalelo lekomiti yelizwe ngokubanzi ehlola umgangatho nokuvuma kweBhodi yosasazo lweSikolo SeSabatha ukuze ngolo hlobo isifundo singabi ziingcamango zombhali okanye ababhali kuphela.

Iindaba Ezilungileyo Ezivela EPatimo

Phantse kwiinkulungwane ezimbini ezadlulayo, umpostile uYohane wayegxothelwe kwisiqithana esinamatye kakhulu sakulwandle iAegean ngenxa yobungqina bakhe obunyanisekileyo ngeendaba ezilungileyo. Ingwevu yompostile yabunyamezela bonke ubunzima bokuvalelwa kwintolongo yaseRoma. NgeSabatha ethile, wahanjelwa ngendlela ekhethekileyo nguYesu Kristu, owayeze kukhuthaza umkhonzi wakhe kwintlungu awayenayo. Kwimibono emininzi, uYesu wambonisa umfanekiso wokulandelelana kwembali yebandla kwanento abantu bakaThixo ababeza kuyifumana ekulindeleni kwabo ukubuya kweNkosi yabo.

Oko wakubonayo uYohane embonweni, wakubhala ngokuthembeka encwadini esongwayo awayinika isihloko esithi, "IsiTyhilelo sikaYesu Kristu" (IsiTy. 1:1). Incwadi awayibhalayo iveza oko uYesu abe ekwenza ezulwini kususela ukunyuka kwaKhe, noko aya kukwenza ukubuya kwaKhe. Yayijonge ukuqinisekisa amaKristu kuzo zonke izizukulwana ngobukho bukaKristu nokuwaxhasa kwaKhe ngexesha efumana izilingo zobomi bemihla ngemihla phakathi kwelizwe eliwileyo elintywile kwimbambano enkulu.

Kule kota, siza kuhla nzulu kule ncwadi. Ngenxa yokunqongophala kwendawo, asisayi kungena kwiinkcukacha ekucazululeni indima. Endaweni yoko, ngokuchukumisa nje okubanzi, siya kuqwalasela iindawo nemixholo eyintloko yale ncwadi. Abafundi baya khuthazwa ukuba bazibandakanye nokufundwayo ngokupheleleyo. Injongo kukwenza ukuba kubekho ukuqhelana nemiba ebalulekileyo yencwadi nokubona ukuba, ngokwenene,

ityhila uYesu Kristu, ubomi baKhe, ukufa kwaKhe, nolungiselelo lwaKhe ngenxa yabantu baKhe. Ukufunda kwethu IsiTyhilelo kwakhelwe phezu kwezi ngcamango zilandelayo:

1. Ukufunda kwethu IsiTyhilelo kwakhelwe phezu kwembono esekwe eBhayibhileni le yokuba iBhayibhile iphefumlelwe. Nangona izigidimi zencwadi zavela kuThixo, intetho ezithe ezo zigidimi zadluliselwa ngayo, inobuntu. Ngokusebenzisa ulwimi nemifanekiselo ephuma kwimbali yabantu bakaThixo kwiTestamente eNdala, siya kuyifumana indlela uYohane awazidlulisa ngayo ezo zigidimi.
2. Iziprofeto zesiTyhilelo zihlalutywa zisetyenziswe ngokusebenzisa indlela exhomekeke kwimbali ekuchazeni iziprofeto, nto leyo efundisa ukuba isiprofeto silandela ukuhamba kwembali, kususela kunaphakade kuse ekupheleni komhlaba. Kunokuba sifake inguqulelo esiyicingeleyo kwindima, siya kwenza unako-nako ukukhupha intsingiselo kwindima ngokwayo, sifunda ulwimi lwayo, umfanekiso ewunikayo, nendlela esetyenziswe ngayo.
3. Imo yokuhlanganiswa kwesiTyhilelo ibaluleke ngeendlela ezininzi ukuba zisetyenziswe ngenkathalo iziprofeto zencwadi. Ukuhlalutya kwethu incwadi kuza kwakhelwa kwimo yencwadi entlantlu-ntathu.:
    (i) IsiTyhilelo 1:9–3:22 phambili siqwalasela imeko yamabandla emihla kaYohane; kanti ke iindima zithetha ngale meko yebandla ngokuprofeta ngalo likumaxesha awahlukeneyo embali.
    (ii) IsiTyhilelo 4:1–11:18 siphinda imbali yebandla ukusuka kwixesha likaYohane kude kuse ekupheleni, sisebenzisa imifuziselo eyongeza iinkcukacha ezingaphezulu.
    (iii) IsiTyhilelo 11:19–22:5 siqwalasela ngokukodwa kwixesha lokuphela.
4. Inkcazo yeziprofeto zesiTyhilelo enentsingiselo eyiyo kufuneka imiliselwe kuKristu. Incwadi yonke yabhalwa ivela ngwakwicala likaKristu. KungoKristu kuphela ethi imifuziselo nemifanekiselo yencwadi yesiTyhilelo izuze intsingiselo nokubaluleka kwayo [imifuziselo nemifanekiselo] ejonge kuyo.

IsiTyhilelo sithembisa iintsikelelo kwabo bawafundayo bawaphulaphule amazwi aso nabo bawevayo bawagcine amazwi esi siprofeto, bazigcine izinto ezibhaliweyo kuso: “Unoyolo lowo uwalesayo, kwanabo bawevayo amazwi aso isiprofeto esi, bazigcine izinto ezibhaliweyo kuso; kuba ixesha likufuphi” (IsiTy. 1:3, NKJV). Xa siyihlalutya le ncwadi niyamenywa ukuba nizifumanele izinto enidinga ukuba nizive, nizithobele, njengoko silindele ukufika kweNkosi yethu uYesu Kristu.

URanko Stefanovic, Ph.D., uyiprofesa yeTestamente eNtsha kwiSDA Theological Seminary, Andrews University. Utshatshele kwincwadi yesiTyhilelo. Ungumbhali wenkcaza yesiTyhilelo esinesihloko esithi, The Revelation of Jesus Christ kunye nencwadi ethi, Plain Revelation. Izifundo zakhe zikholisa ukuboniswa kuluhlu oluqhuba njalo kumabona-kude u3ABN.